Isalathiso: 20210621-3879
Inombolo yefayili: 12/2/13/6
Imibuzo: V Madasi

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuNika iNkxaso yeziBonelelo kumaZiko: 0005/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezichaphazelekayo

Isihloko: Ukusiwa kweencwadi zomsebenzi zeSebe i*DBE* zamaBakala R ukuya ku-9 ukulungiselela unyaka wekhalenda yesikolo ka-2022

1. Njengoko kuchaziweyo kwileta esuka kwiSebe leMfundo esiSiseko likazwelonke (iSebe i*DBE*), iSebe i*DBE* liya kuprinta yaye lihambise iincwadi zomsebenzi kuzo zonke izikolo zikarhulumente (eziqhelekileyo nezemfundo eneemfuno ezizodwa) eNtshona Koloni ukulungiselela unyaka wekhalenda yesikolo ka-2022.

2. Ezi ncwadi zilandelayo ziya kusiwa ngqo ezikolweni:
   - lincwadi zomsebenzi zeBakala R
   - EzamaBakala 1 ukuya ku-6 zeeLwimi zeeNkobe
   - EzamaBakala 1 ukuya ku-3 zeMathematika (kulwimi lokufunda nokufundisa) (*LoLT*)
   - EzamaBakala 4 ukuya ku-9 zeMathematika (kwisiNgesi nakwiAfrikansi)
   - EzamaBakala 1 ukuya ku-6 zesiNgesi (uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo)
   - EzamaBakala 1 ukuya ku-3 zeZakhono zoBomi (kulwimi lokufunda nokufundisa i*LoLT*).

3. IVolyum 1 ka-2022 (yeKota 1 no-2) neyeBakala R ziya kusiwa kuzo zonke izikolo ungadlulanga owe-30 Septemba 2021. IVolyum 2 ka-2022 (yeKota 3 no-4) iya kusiwa kuzo zonke izikolo ungadlulanga owe-30 Novemba 2021.

4. Ebutsheni balo nyaka, kwakucelwe iSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) ukuba linike iSebe i*DBE* amanani abafundi aqikelelweyo eencwadi zomsebenzi eziza kuprintwa zisiwe ukulungiselela u-2022. Amanani abafundi anikwa iSebe i*DBE*

asuselwa kwingcaciso ekwisistim i-*CEMIS* echaphazelekayo eyayifumaneka ngelo xesha.

5. Inani leencwadi zomsebenzi eziya kusiwa kwisikolo ngasinye ziyangqinelana namanani abafundi anikwa iSebe i*DBE* liSebe i*WCED*. Inani leencwadi zomsebenzi ngebakala ngalinye izikolo ezinokulindela liziswe liSebe i*DBE* linokujongwa kwikhasi lewebhu lokunika inkxaso yezixhobo zokufunda nokufundisa (i-*LTSM*) (iincwadi zokufunda ze-*CAPS*) kwiziko lewebhu leSebe i*WCED* https://wcedonline.westerncape.gov.za/learning-and-teaching-support-material-ltsm).

6. Kuqhotyoshelwe apha njengesiHlomelo A uxwebhu olusisikhokelo oluchaza inkqubo elandelwayo phambi nangethuba lokusiwa kweencwadi zomsebenzi.

7. Zakuba zizisiwe iincwadi zomsebenzi ngumboneleli-nkonzo weSebe i*DBE*, kulindeleke ukuba izikolo zithelekise inani leencwadi zomsebenzi ezizisiweyo namanani anikwe kweli ziko lewebhu likhankanywe apha ngentla. Naziphi iincwadi ezisiweyo zeelwimi ezingachanekanga okanye ezishotayo mazibhalwe kwiphepha elibubungqina bokuziswa kwazo (*proof of delivery*) (*POD*)) yaye oko makwaziswe umboneleli-nkonzo obezise iincwadi zomsebenzi egameni leSebe i*DBE*.

8. ISebe i*DBE* lifaka amaphepha abubungqina bokuziswa kweencwadi zomsebenzi ii-*POD* esikolo ngasinye kweli ziko lewebhu: http://www.schoolmaster.org.za yaye kukhuthazwa izithili zingene kweli ziko lewebhu ukungqinisisa iinkcukacha ezingokuziswa kweencwadi. Inombolo yesistim i- *EMIS* yesikolo inokusetyenziselwa ukuloga kwiziko lewebhu.

9. Ngo-Oktobha 2021, zonke izikolo ekusiwe kuzo iincwadi zomsebenzi ziya kucelwa ukuba zingene kwisistim i-*CEMIS* ukufaka amanani abafundi aqikelelweyo ango-2022 nenani ncam leencwadi zomsebenzi ngesifundo ngasinye nangebakala ngalinye ezifunyenwe kwiSebe i*DBE*. Ngethuba lokwenziwa kwale nkqubo, iincwadi zomsebenzi ezishotayo okanye ezingaphezu kwemfuneko ziya kuqatshelwa kuze kuxelelwe izithili malunga noko. Le ngxelo iya kufumaneka ku-*EduInfoSearch*.

10. Amagosa ezithili achaphazelekayo aya kujongana noxanduva lokuququzelela ukusiwa kweencwadi zomsebenzi eziqatshelwe njengezishotayo.

11. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-L McGLENATENDOLF
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOCWANGCISO LWEMFUNDO
UMHLA: 2021-07-21